Lirolelwa 3s 6d nge Kwata (itunyelwe ingekapeli).

—:o:—

Unokuhlaulela wonke Unyaka ngokutumela l3s 6d nangalipina ixesha lonyaka.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, ne Mipanga, irolelwa 1s. ngexesha ngalinye ezingene ngalo.

# IMVO NELISO LOMZI

## (NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories*

KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, MARCH 10, 1898.

ELIPEPA LIPUMA NGOLWESI-NE IVEKI ZONKE

Lltunyelwa kwindawo zonke apa ema Zantsi-Afuka, e Yerepe, nase Melika.

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.

Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

Vol. XIV, No. 698]

[IXABISO 3d.

## INTSHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR ALFRED MILNER.

Umnumzana we Grand Cross Wodidi Ola balalekileyo lo Saint Michael no Saint George, Umnnmzana Ongampati Wo didi Olubekekileyo lwe Bath, Iruluneli Nompati Oyintloko we Koloni Yomntan' Omhle ye Cape of Good Hope e South Afrika, namazwana, nezibaxa zawo, Nompeti Owongameleyo Womntan' Omhle, njalo njalo, njalo njalo, njalo njalo.

EKUBENI, ngentshumayelo enani lingu 534, ebalwe ngomhla we 4th ku January 1898, ndenze pantsi nangamandla amagunya akum " Omteto wokucita Ibandla Lengwevu, 1897," ndicita Ibandla Lengwevu le Koloni Good Hope; nasekubeni kufanelekile ukuquba amalu- ngu okunyula amalungu elo Banda kwiziqingata ezitile zokunyula ezinikwe amandla okwenjenjalo " Ngu- mteto Wommiso Ohlaziweyo, No. 18 ka 1874," " Umteto Wokudityaniswa kwelama Griqua, No. 89 ka 1877," Umteto Omele Amazwe Apesheya kwe Nciba No. 30 ka 1887," " Kwano Mteto Wokudityaniswa kwelama Betshwana, No. 41, ka 1895." Ngoku, ngoko, pa- ntsi nangamandla namagunya akum ngo Mteto, ndiyashumayela, ndixela, ndisazisa ezindawo zimbalwa zilandela- yo, oko kukuti:—

1 Amagosa Ongamele Unyulo kwiziqingata ngazinye Ezinyulayo pakati kwezo Ndawo Zinyulayo, ngapandle kweziqingata Ezinyulayo zase Kapa nase Rini, e Batenjini nase Griqualand East, ayakuba zimantyi zezo ziqingata ngazinye, okanye ibe ngamagosa abambele zona okweloxesha.

2 Amagosa Ongamele Unyulo kwiziqingata Ezinyulayo zase Kapa nase Rini ayakuba zimantyi ezihlala e Kapa nase Rini, okanye ibe Ngamagosa aba- mbele zona okwelo xesha.

3 Amagosa Ongamele Unyulo kwiziqingata Ezinyulayo zase Batenjini nase Griqualand East ayakuba zimantyi Ezinkulu zase Batenjini nase Griqualand East, okanye ibe Ngamagosa abambele- yo okweloxesba.

4 Ukuba indawo ezitile zokuvota na- kumandla ngamnye Onyulayo pakati kwezondawo zinyulayo, ngapandle kwa- lomandla Unyulayo wase Kapa ziyakuba zindawo ezimele zona ezikanka- nywe koluludwe lungapantsi kwale Ntshumayelo.

5 Ukuba Amagosa Atile e Voti, akwimimandla ngaminye Enyulayo pakati kwezindawo zikankanyiweyo zokunyula ngapandle kwendawo Enyula- yo yase Kapa, ayakuba Ngamagosa amele oko kukankanywe kulenteto ingentl' apa.

6 Ukuba ukuvota kwindawo nganye yokuvota kuya kuqala ngolwesi TATU, MARCH 16, 1898, ngo 8 kusasa, kuye- kwe ngo 5 emva kwemini.

7 Ukuba lonteto ikankanyiweyo iyakutatyatwa njenge nteto efakwe kule Ntshumayelo yam.

8 Kwakona ndiyasbumayela, ndixela, ndisazisa, pantsi nangamandla esiqendu sesi Toba so " Mteto we Voti Wokutitintela Amasiko Amabi, ka 1851," nango " Mteto Wokunyula we Palamente, ka 1883," ukuba bonke abantu abaya kufunyanwa benetyala lokutenga, besenza, okanye bcbonakalisa impembelelo engafanelekileyo, okanye amaziko amabi kwindawo zokuvota okanye ngokuma- yela nazo, bayakuti, bakugwetywa, bohlwaywe ngokwalo Miteto ilungisele- lwe oko.

TIXO SIKELELA INKOSAZANA!

Inikwe pantsi kwesandla sam nesi Ncamatiselo sale Koloni yase Kapa, ngalomhla we 19 ka JANUARY 1898.

A. MILNER,
Iruluneli.

Uludwe oluhamba nale Ntshumayelo ngentl' apa

VII. EMPUMALANGA.

1. UMANDLA WE QONCE.—*A. Umandlana wokunyula wase Qonce.* Koya kuvotwa kwe ndawo zilandelayo ;—Reeves' Hotel, Mount Coke; Francis Radne's Residence Ntsikitini; F. M. Deatshmann's Residence, Debe Nek; Lowea Hotel, Qibira; R. J. Crowe's Residence, Debe Nek ; Mundinch's Shope, Rabula ; Barnshill Mission Station, Ordemann's Hotel, Green River; Court House, Middle Drift; J. D. Wood's Re. Bidence, Gxulu ; W. Atty's Residence, Wolfe River ; Government Offices, Keiskama Hoek; Schoolroom, Braunschweig ; School, room, Ross Mission Station; Coart Room, King Williams Town; Deeds Office, King Williamstown; Hoose in Smith Street, King Williams Town ; House in Cambridge, road, King Williams Town ; Schoolroom, Frankfort; Schoolroom, Peelton; Bara. chevey's Hotel, Kei Road ; Hotel at Blaney Junction, Hotel at Briedbaok; Hotel at Berlin, J. Keilfoil's Residence, Farm No. 195. *B. Umandlana wokunyula wase Qumra.* Kuya kavotwa kwezi ndawo zilandelayo :—Court Room, Qumra ; Residence of Field cornet, Farm No. 42; Residence of Field cornet, No. 216; Farm No, 281; *C. Umandlana wokunyula wase Cumakala.* Koya kavotwa kwezi ndawo zilandelayo :— Court Room, Statterheim; School Hoase, Isidenge; Dohne Hotel, Wartburg School Room, Farm Oribe, Hotel at Bolo, Emgwali School Room, Residence of Field carnet Lugilo. *J). Umandlana wokunyula wase Katikati.* Kaya kavotwa kwezi ndawo zila ndelayo:—Residence of Field cornet Anta, Residence of Field cornet Henderson. *E. Umand'ana wokunyula wase Victoria East* Kaya kavotwa kwezi ndawo zilandelayo:— Allen Groove, Fort Hare.

2. UMANDLA WE EAST LONDON.—*A. Uma- ndlana wokunyula wase East London.*—Ku- ya kavotwa kwezi ndawo silandelayo:— Warrendale, Christmas Vale, Farm No. 85, Old Court House on West Bank, Court Room. East London : Hotel at Cambridge, Farm 178, Gonnbie; Fort Jackson, Maclean Town, Peterson's Hotel. *B. Umandlana wokunyula wase Qumra.*—Kaya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:—P. O. Woolhope, Sea View, Hopewell.

3. UMANDLA WE QUEENSTOWN.—*A. Uma ndlana wokunyula wase Queenstown.*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo :—Court ?? enstown Queenstown Park, ??? Schoolroom, Imvani, Douglas ??? Coart Room, Whittle- ??? Gailford, Thibet Park, ???? Hackney, Teacher's ??? Room, Sterkstroom ; *??? Umandlana ???* Kuya kavotwa kwezi ndawo zilandelayo:—Coart Room, Cathcart; Rockford, Fail ford, Retreat, Sletmere, Toise River, Pasey's Hotel. C. *Umawilana wokunyula wase Glen Grey.* —Kaya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo : — Court Room, Bolotwa; Driver's Drift Hotel, Qoqodala Hotel. *D. Umandlana wokunyula wase Tarka.—Kuya* kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:—Court Room, Tarkastad ; Hartfontein, Rhenoratershoek, Klein Haasfontein.

4. UMANDLA WE ALIWAI, NORTH.—*A. Uma- ndlana wokunyula wase Aliwal* North.—Ka- ya kavotwa kwezi ndawo zilandelayo :— Coart Room, Aliwal North ; Olyvenfontein, Paarl, Kalkoenkrantz, Platfontein, Court Room, Jamestown; Patriotsklip, Court Room, Lady Grey ; Beerfontein, Karnmelk. Spruit. *B. Umandlana wokunyula wase Herschel.*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo; — Court Room, Herschel; Residence of E. Dodds, Blikana ; Residence of T. Gallon, Palmietfontein; Residence of G. W. Dickson, Josannas Hoek; Sterkspruit. *Umandlana wokunyula wase Barkly East.*

—Kuya kuvotwa kale ndawo ilandelayo :— Lyndale.

5. UMANDLA WASE WODEHOUSE.—*A. Umandlana wokunyula wase Wodehouse.*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo :—Coart Room, Dordrecht; Braklegte, Carnarvon Farm, Willow Park, Boshchofs Kraal, Roode Moogte, Swempoort, Roodenek, Good Hope, Andover, Draai Ona, Indwe. *B. Umandlana wokunyula wase Barkly East.*—Koya kuvotwa kwezi ndawo silandelayo:—Barkly East, Fetcani Glen, Clontarf Rhodes, Moshesh's Ford, Granard, Lymore Lodge, Ravensfell, Morgenzon, Ventnor. C. *Umandlana wokunyula wase Glen Grey.*—Kaya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo :—Lady Frere, Bengu, Buffeldoorns, Macobeni.

6 UMANDLA WE TEMBULAND.—Kaya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo: — Court Room, Ngqamakwe; Kotana, Mahlubini, Court Room, Mqanduli; Old Morley, Court Room, Idaty wa ; Coart Room, Elliot, Bloem Vlei, (Xaka) Ronan, Gabenxa, Cantire, Ettriok, Eda, Coart Room, Engcobo; Emja. nyana, Ntlambe, Court Room, Butterworth ; Toleni, Court Room, Cofimvaba ; Court Room, St. Marks Southey ville, Makwababa, Court Room, Taomo; Mbulu, Tanjana, Court Room, Willowvale Court Room, Coart Room, Kentani Court Room, Elliot, dale ; Court Room, Umtata ; Koodeheuvel.

7. UMANDLA WE GRIQUALAND EAST—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo .—Court Room, Mount Frere; Court Room, Mount Aylift; Court Room, Mount Fletcher; Glen Avice, Far View, Court Room, Tsolo; Court Room, Maclear; Tsitsana School, Witter- horn, Cromarty, Middle Ridge, Ugie, Wizard Vale, Vipan, Glen Grieve, Court Room, Matatiele; Cedarville, Zoegat (Mvenyane) Draokensrock. Northcrook, Court Room, Qutnba, Salenkama, Farm Topshani, Farm Moot Plaata, Farm Gowan Lea, Farm Hopewell, Court Room, Lower Ibisi; Court Room, Port St. John's; Coart Room, Kokstad; Runnymeade, Rheebokfontein, Treurfontein, Rathfarnbam, Rooi Klip, Assaberg, Viel Salm.

V. AMAZANTSI EMPUMALAGA.

1 UMANDLA WE BHAYI.—*A. Umandlana wokunyula wase Bhayi.*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:— Town Hall, Mutual Hall, North End; Walmer Road, South End ; Betheladorp, Goedmoedefontein.

2. UMANDLA WE TINARA—*A Umandlana wokunyula wase Tinara —Kuya* kavotwa kwezi ndawo zilandelayo :—Court Room, Uitenhage; Sunnyside, Godults River, Lourie River, Tip Tree Farm, Sand River, Addo Drift, Bevan Vale, Sundays River Ferry, Enon, Glendonnor, Kariega Rail- way Station, Haasfontein, Kleinpoort, Vaaldam, Boxmoor, Springbok Vlakte. No 6, De Vley, De Poortje. *B. Umandlana wo. kunyula wase Humansdorp.*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo: —Coart Room, Humansdorp; Zuurbron, Driefontein, Fair view, Assegai Bosch, Onverwaoht, Quagga, Hankey. *G. Umandlana zvokunyula wase Jansenville.*—Knya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:—Court Room, Jansenville; Klip Kop, Klipplaat, Mount Stewart, Blaaaw Krantz, Waterford, Ebenezer. *D Umandlana wokunyula wase Willowmoae.*— Kaya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo : — Doorn Bosch, Veeren Kraal, Steytlerville, Allemans Kraal, Roode Klip, Verloren River, Zandvlakte. *E. Umandlana wokunyula wase Alexandria.*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:—Court Room, Alexandria ; Zaurplaats, Graaffwater, Nanaga, Coerney, Sandflats, Congas Kraal, Preston Park, Wasi Heuvel.

3. UMANDLA WE RING—*A. Umandlana wokunyula wase Rini* —Kuye kuvotwa e Court Room, Grahamstown.

4. UMANDLA WE ALBANY.—*A. Umandlana wokunyula wase Albany.*—Kaya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo :—Manley's Flats, Springvale, Highlands, Riebeek, Hounslow, Fort Brown, Committees, Glenovis, Bowden, Salem, Sid bury, Buffels Kloof. *B. Uma ndlana wokunyula wase Bathurst* — Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo;—Court Room, Port Alfred; Grand Hotel Port Alfred; Residence of Field cornet, near Southwell; Residence of Field cornet, Whites Bush ; Seven Stars Hotel, Bathurst; Rokeby Park, at W H. Wilemore; Trap, pes Valley (Station, Residence of Field cornet, Hope Fa m; Jas. Ford's Farm, Kasonga; Residence of Field cornet, Elephant Park.

5. UMANDLA WE VICTORIA EAST.—*A. U- mandlana wokunyula wase Victoria East.* —Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo : —Court Room, Alice; Binsfield, Hoggs- back, Garfield, Farm No. 1216, Botha's Post or Kingston, Breakfast Vlei. *Umandla na wokunyula wase Ngqushwa.*—Kuya ku votwa kwezi ndawo zilandelayo :—Court Room, Peddie; Davie's Shop, Newtondale; Alesbury's Shop, Gqora; Weltevreden, Lessendrum, Easington, Barnfather, Kingston, Hercules, Court Room, Bell; Hastings, Hotel Woolridge.

VI. AMANTL' ENTSHONALAGA

1. UMANDIA WE SOMERSET EAST. —*A Umandlana wokunyula wase Somerset East.* —Kuya kuvotwa kwezi ndawo Zilandelayo : —Court Room, Somerset East; Cookhouse, Doornkraal, Mistkrail, Annsvilla, Coma dagga, Middleton, Beenlegte, Middlewater, Paddafontein, Rietvley, Peanton, Residence of Mr. Stretch, Zondags River; Vaalklip, Coetzerskloof, Grootvlakte, Fonrieskraal, Klipfontein, Thorngrove; *B. Umandlana wokunyula wase Bedford.*—Kuya kuvotwa kwei ndawo zilandelayo :—Court Room, Bedford; Avondale, Ferguson's Shop, at Cameron's Glen, Olipnant's Bosch, Linton, Blackhill, Kingsvale, Spring Grove, Olivefontein, Kruger's Kraal. *0. Umandlana wokuuyula wase Cradock*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo :—Honey Grove.

2. UMANDLA WE *Umandlana wokunyula wase Bhofolo.*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo :—Court Room, Fort Beaufert, Office of Superintendent of Fingoes, Healdtown, Residence of Field cornet, Blinkwater, Hammonds, Richmond Hotel, Yellow Woods Hotel, Court Room, Adelaide, Meade's Hotel, Residence of Field cornet, Kaal Hoek. *B. Umandlana wokunyula wase Stockenstrom.*—Kuya ku votwa kwezi ndawo zilandelayo Court Room, Seymour; Residence of Field cornet, Cathcart; School Broom, Balfour; Rest, dence of Field cornet, Mankazana; Residence of Field cornet, Hertzog, Residence of Field cornet, Upper Blinkwater ; Resi. dence of Field cornet, Readsdale.

3. UMANDLA WE CRADOCK.—*A. Umandla. na wokunyula wase Cradock.*—Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:— Court Room, Cradock; Dwingfontein, Mortimer Station, Kariefontein, Waterkloop.—*B. Umandlana wokunyula wase Tarka.* Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:—Klip, fontein, Ratelshoek, Rietvlei, Sunnyside, Sohurfte Heuvel. *0. Umandlana wokunyula wase Steynsburg.* Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo : — Court Room, Steynsburg ; Grootvlei, Joaohimsfontein, Elandsfontein. *D. Umandlana wokunyula wase Middleburg.* Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:— Olievenboom, Wolve Vley, Tafelberg, Taaiboschfontein, Sterk- fontein, Brand Vley.

4. UMANDLA WE COLESBERG.—*A. Umandlana wokunyula wase Colesberg.* Kuya kuvotwa kwezi ndawo zilandelayo:—Coart Room, Colesberg; Fonteintje, Norvals Point, Poortje, Ooorlogs Poorte, Jaasfontein. Naauwport Junction, T'samenkomst, Balt, fontein, *B. Umandlana wokunyula wase Hanover.* Kaya kavotwa kwezi ndawo zilandelayo:—Court Room, Hanover; De Put, Plaatjesfontein, Wonderhenvel. *0. Umandlana wokunyula wase Philipstown.* Kuya kavotwa kwezi ndawo ilandelayo :— Residence of J. 8. da Plessis, Klein Car. bonatjes Kraal; Residence of J. D. du Plessis, Klein Gras Fontein ; Residence of Hendrik Jooste, Hanekamps Kuil; Coart Boom, Philipstown. *D. Umandlana woku- nyula wase Middleburg.* Kaya kavotwa kwezi ndawo zilandelayo :— Court Room Middleburg ; Scorpion Kraal, Wolvekop; Beesjesbalt, Hamansfontein, The Willows, Knoffels Vley. *E. Umandlana* 1 wase *Steynsburg,* Kuya kavotwa e Knell.


# A. W. FISCHER (Umzi obusakuba ngoka A. BEET) Emonti

Usand' ukufikelwa Yimpahla Entsha entle kunene, IPRINTI, CREPONS, GRASS LAWNS, njalo njalo. INGUBO ZAMANENE.-Kwezamanene kusand'ukuvulwa EZIBUHLUNGU I-Twidi EZIBANDAYO, NEZIMNYAMA, ezitengiswa NGAMANANI APANTSI PAKULU-

AMACICI E-GOLIDE NAWE SILIVERE.

A. W. FISCHER, (Umzi obusakuba ngoka A. Beet)

ARGYLE STREET, EMONTI

IKAYA LABANTSUNDU.

LEMINYAKA I 18 IGQITILEYO,

SINGENISE KWELI LIZWE

## BLANKETE ZOBOYA.

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBUBODWA Igama laeo yi EXTRA NAVY or MATTROSS."*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENENE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.

ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU BLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitengakuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama

Ziya kubaku kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## JAS. W. WEIR & CO.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

## W. THOMSON

WE VENKILE, YASE

WHITTLESEA

SESONA Sitora sisiso e Whittlesea nakulo mandla. Sinaso zonke intlobo zempahla. Zonke izinto zekifanelekileyo zaye zitengiswa tshipu. Kusoloko kufika Impahla ezintsha. Ilokwe, Iprinti, Inainsook, ne Muslin, Keleko, Iqiya, Ihempe, Ibatyi, Ibulukwe, ityali, Ishiti, Izihlangu ne Shuzi, Ikofu, Swekile, Ti, Umgubo, Iparafini, lcuba, njalo njalo.

Abantu Bamkelwa Ngobubele.

The New Jagersfontein Mining and Exploration Co.

(LIMITED)

## JAGERSFONTEIN MINE

*The General Manager intimates that able anti strong men will find work.*

Good Wages. Food Free, and Good Treatment;

## Intengiso Enkulu Yempahla!

(Ekufuneka ipelile ukuze kuboko ituba Lempahla yase Busika eza kufika kamsinya).

ISUTI ZAMADODA, 10/11,15/, ne 22/6

IHEMPE „ ezimhlope, 2/9, ezifanelwe yi 5/3

„ „ zokusebenze, 1/2, 1/4, 1/11

ZABE ZILUNGILE KUNENE.

IBHULUKWE elungileyo eyomeleleyo ye Kodi itotywe ixabiso lakwi 5/11.

IZIHLANGU ne SHUZI zitotyelwe kumaxabiso efandesi — yiza kubona ezetu zamadoda ze 6/11, isimanga sexabiso nobu tshipu, izihlangu ezomelele kangaka

INTSALELA ZE PRINTI zitengiswa ngamanani asezantsi ukuze zipele tu.

ITYALI—Lilo eli ixesha lokuba nizifumanele isisulu zitotyelwe kwi 3/6 inye. Ninto eninzi ye Sampulu ze Tyali ezisand'ukufika ziyakutengiswa ngama xabiso e fandesi.

I BLANKETI zitengiswa ngamanani atshipu.

IHEMPE ZAMAKWENKWE, ISUTI, IZIHLANGU, NE MINQWAZI zonke zitotyiwe.

*Ukuba aninako ukuza ngokwenu tumela- ni i-odolo inemali yento ozifunayo nge Post, saye siyaku kwanelisa kuba zonke i-odolo ezivela ngapandle zikangelelwa siti ngokwetu.*

## Owen & Thomson,

Obefudula ingu Dyer & Dyer, Ltd. (Retail)

KING WILLIAMS TOWN.

## John Lumsden and Co.

(KUMZI WO LUMSDEN),

BANOVUYO ukunqwenelela Izihlobo zabo Ezintsundu nabaxasi, umnyaka wokonwabo nonempumelelo entle. Impumelelo kwizihlobo zetu Ezintsundu iteta impumelelo kumsebenzi wetu esiwuquba nabo nge nzondelelo ngo kubanika amaxabiso angawo " ahlaulwa kwaoko " nakuzipina intlobo zempahla zokurweba ezitengisayo. " Umzi wetu " uyakusoloko uzele zimpahla zentlobo zonke ezibingelelene nabahlobo beta abantsundu. Ngokukodwa sigcina Impahla epeleloyo yokutshata eyo mtshakazi nomyeni, i Wedding Cake ne zonka njalo njalo. Sinqwenela ukuti kanjalo kwizihlobo zetu ezintsuudu sifikelwa zonke ezinyanga zimpahla eziza nenqanawa zivela e Scotland nase England zitengwe kona kwezondawo zenziwa kuzo ngo Cash. Nempahla zetu zitengiswa ngamanani afanelekileyo kweli lase MAXOSENI. IZIHLOBO ZETU EZINTSUNDU mazike zize kuziqondela oku, zitenge konke ezikufuuayo. Tina sotenga intlobo zonke ze mveliso ngamaxabiso ape- zulu ase Malikeni xa bayizise kuti.

JOHN LUMSDEN and CO,

E GCUWA

## Stevenson, Mitchell & Co

BASE QUEEN'S TOWN,

Bane Fandesi Elikulu

Lempahla zonke, lisaquba nango Feb. lo

Amanani Empahla Atotywe Kakulu

## R. R. V. JEFFREYS

1GOSA LO MANYANO

Ngabasebenzi Abantsundu, Ltd.,

E RAUTINI

*Queens ♦ Town ♦ Agency.*

APA kwalaliswa izibonda nabo bonke abantu ngamalungelo kwabantsundu abangaba bafuni umsebenzi kwele Rauti (e Johannesburg nakumandla wakona) ngolumanyano olungenanto nabu gayi.

1. Abantsundu bamkwa imali kaloliwe, eye pase kwaneyo kuqapula ze kanjalo bamkele imali yokudla xa base luhambeni.

2. Ixesha angasebenzela Iona umntu alinga pezu kwenyanga ezimbini.

3 Olumanyano luxasa i Komponi ezi 99, elingati iqela lamadoda anga 25 afuna ukusebenza kwi Komponi etile, kuti ukuba kufanelekile atatwe

4. Abantsundu abaziqeshese ngolo hlobo bayapiwa ukutya

5. Ize babuyise 30s. kumvuzo wenyanga zabo zokuqala.

6. Umvuzo ude ufikelele kwi 10s. Ngenyanga.

7. Abantsundu abavela e Koloni bakolisa ukuqeshelwa, umsebenzi wangapezulu.


8. Akusetyenzwa nge Cawa ngapandle kokuba kuba kunyanzelekile ukuba kwenjiwenjalo.

Olumanyano luyakuba hlaula abantu abazise amaqela angenga pantsi kwa 25 amadoda asiwe e Komani okanye nakusipina isitishi sika ??? Kodwa kwaziswe ogama lingentla.

P.O. Box 115, Cathcart Chambers, Queen's Town.



*Bonke baya kwa*



## BAKER



## Izisulu Ezibalulekileyo

KWA

BAKER, BAKER & CO

Ezona lokwe ezimabala avasekayo zase Hlotyeni elungileyo ezingaqeleke kubonwa apa e Qonce.

Imicako ye Crepon Muslins yi 3d. nge yadi

„ ye Muslins ezinokuvaswa 4d. nge yadi „ ye Printi „ 4 1/2d. 5 1/2d

Kumasebe Zisulu Zamanewunewu kuma sebe onke empahla Zamankazana.

## INGUBO!

Ukuba akuna kuza, bhalela kubo bokutumela isampulu.

## ODAMS Sheep Dips

FLUID & POWDER

IYAQONDWA yaye isetyenziswa ngu Rulumente Ekunyangeni Ibhula. Kwakona eka ODAM Idipu Engamanzi yokudipa Ngenxa ka Landipasi.

*Inika impilo ezigusheni nase zibhokweni.*

Illungiselela ukukula nobuhle boboya nobo Seyibokwe, ayilonakalisi ibala

Inokufunyanwa kuzo zonke izindlu ze Dipu zakwa Rulumente kule Koloni na Pesheya kwe Nciba.

I ARENTE ENOKUFUNYANWA KUZO

DUNN & CO., E Monti.

BAKER, BAKER & CO., E Qonce.

## Beauchamp, BoothCo.

E QONCE.

*Siyanazisa ukuba siwafezile amalungiselelo ebe siwenza sine*

## Mpahla Ezintsha!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d i yadi.

IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).

ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika zenziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.

IHEMPI eziyi imicako ezomeleleyo ye 6d 7 1/2d, 9d, nge yadi.

*ILOKWE ZOKUTSHATA esezenziwe kade ziqala kwi £1 5s zide yiye kwi £5, zinako noku dolwa ze zenziwa kwa oko.*

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into efunekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha.

## Beauchamp, Booth & Co

Late JOHN J. RVINE

# Itole le Mvo

KING WILLIAMS TOWN, MARCH 10, 1898.

NGOLWESI-NE, MARCH 10, 1898.


## Robben_Island.

[REVD. E. MDOLOMBA].

Mhlaumbi abangabalesi be ' ' Mvo "— ipepa endingasakuze ndililibale ngenxa yesidima sale —bangatanda ukuva ngesisiqiti kutiwa yi-Robben Island. Ke njengokubakendanetuba lokuti gxada kuso ndingatanda ke ndenze amanqaku ngaso.

INTSUSAMABANDLA.

Ndite ndafumana incwadi ku Rulumente ukuba ke ndityelele abagulayo sisifo esaziwa ngokuba liqenqa, ndikangele ukuba andingebi natubana lokumane ndisiya kubenzela inkonzo. Hai senze amalungiselelookuya ! Ukusinga e-Dokisini say kukwela e-Norityi (North Quay) siyimipemfumlo emininzi, kodwa abona bantu bebesiya kubona iziguli bebebatatu,—ingu Miss Sprigg intombi ka Sagodini ne nurse enkulu yakwa Zibedlele, amagqobokakazi omabini intombi ozitsho kwabuhlungu. Zimayile ozisipohlongo pakati kwe Kapa no Robben Island. Sidude iyure sagaleleka.

IZIQITI.

Sifike kumkutuka wesiqiti, ingca asinto yaka yabonwa, into ekoyo yi bhosisi nesilevu saselwandle, umhlaba lurexana olungaxeli no A. Inkomo zimbalwa, ibiyimposiso ukuti u "Lindi" uke wazingenela. Into eninzi zigusha. Akuko loliwe, abantu bakwela kwingqungqumbana etsalwa yinkabi engwevu yehashe, ete yakunduluka andazinceda ukungati:

> Nyalasa nkomo, Dalisiqozolo ; Hamba nkowu, Ukuhamba okunamandla kunawe.

Hai yatsho kwavokoteka, sayasagaleleka kwimilwelwe, sesipete incwadi yakomkulu.

KWIMILWELWE.

Siqale kwi ward—indlu—yamankazana, hai ndabona ummangaliso. Ndifike kuko nendibaziyo abavela ko Masomaseti, no Mahewu, no Mapeula, nakwezinye indawo. Ivakele isiti enye intokazi kum namhlanje ke mtaka Mdolomba uzokubona lento kutiwa ngummangaliso, uyakuba ngumntu omkulu ke namhla. Kuko nabase Thaba- Nchu, nabavela e-Bloemfontein. Sitate ingoma apo, inurse icula pezulu, u-Miss Sprigg ecula ialto elinye labafayo latsho ngesiqozolo setinala, mna ndahlala encwineni. Hai ndarharhama. Zacula iziguli zatsho zapalala inyembezi, yashumeyela apo i " Nurse " ishumayela ngomfana owayebuya evela ebuhilihilini. Ndahlanganisa bonko abateta isi-Xosa ncsi-Sutu nesi-Lau satsho kwalusizi lavakala lisiti ixegokazi masincede sizekucula ecaleni kwekoyi yalo, satsho sakumbula imvuselelo. Zavakala zisiti intokazi kau cule u " Nkosi yam ubunditanda ekulahlekeni kwam." Yaduduma yonke indlu. Sisukile apo saya kugaleleka ko wamadoda umzi. Ndahlangana apo no George Noziwawa, owaziwa ngokuba ngu (Time keeper) obefudula engumbeti wentsimbi yase Wesile kwa "Ntambomvu" ngexesha ebendise Bai nam. Sabukana, ndangati ndivela ezulwini. Namadoda sawahlanganisa senza isiqozolo senkonzo kuko nama Bhulu ase Free State kwashumayela u-Miss Sprigg apa ngomhlobo ongu Yesu nam ndake ndashumayela ngokucelwa ngabo bafayo, babulela kakulu,

Baye ababantu amadoda nabafazi betete ntonye, bati, sati sanesisifo nje akuko mntu u Ntsundu uke ati tshe bayasoyika, abantu abezayo kuti ngama Ngesi. Oh hai ama Ngesi, kodwa abantu abantsundu bayazi ukuba sisesitukutezini apa, noko abezi, abakatali siti, bayazi ukuba asisoze sipume, sakufela apa noko abezi kusivelela. Nawe Mdolomba siva ukuba inyanga zako,zisi- xenxe ulapa e Kapa uyaqala namhla uku- za, uti sikangelwa yintoni, sishunyayezwa ngubani? kuba kaloku ezinye inteto asi- zazi. Nguwe lo Mdolomba ; intliziyo yako' ijikwe yintoni, sikwazi e Bai ubungumntu onobubele nje, uti sinabani apa? Batsho ndalusizi besiti singavuya umane ukusityelelela, ungadinwa, siyakubulela. Nasemadodeni kubeko endiwaziyo. Hai ndatembisa ukuba ndomana ukubavelela, njengoko u Rulumente asawupicotayo lomcimbi, ukuba ute wandimisa ndomane ukuvela. Hai babulela, ndafika ebubeleni obukulu. Into embi aninakubulisana, nokuba sowunobubele na. Hai andinakuxelanto ngendikubonileyo ndisesinkamamunge izenzo zika Nkulunkulu,

AMAKONXWA.

Ndibone nento eninzi yamakonxwa enye yandazi hai betu sabukana. Ndite ndisahamba ndabona uqobo- lolo lwamankazana lurozile, ndafika kwintokazi ezityatyayo ndati nqa ukuba ngobanina aba beyintona kanjalo? hai zasondela ezintokazi zihamba nabelungukazi, Kaye ezintokazi zinyatela mu zide zizikangale amacala. Ite enye xa izakundibamba xa nam ndiza kucela koxongo yatiwa nqaku ngu Mlungukazi.

AMAGEZA.

Kanti ababantu ngabantu abangqo- ndo ibuyele ebuntwaneni. Ndite ta abafeketi simanga, ungati nqa umfazi emkulu ezipatise okosana. Hai imimangaliso ka Nkulunkulu. Kutiwa esifiiqiti sinempilo kakulu ebantwini kunjalonje no moya kuso awumkulu. Kuko nabantu abemiyo inani labo ngobalo luka 1891 lwalungamashumi amatandatu ana- mnye—61.

UDUMO LWESIQITI

Ngapandle kwemilwelwe, namakonxwa sisiqiti esidumileyo esi kuba ziti inkosi zakoyiswangu Rulumente ziziswekuzo. Sidume kakulu ngokukodwa kuti tina Mandlambe kuba kaloku uNxele emva kwe mfazwe ya Malindi 1819 wangenela i Rini emve- ni kokuba ama Ndlambe oyisa ama-Ngqika ngedabi lika Tutula mhla wati u Nxele kwi Midushane zenihambe nina nifunze ningadubuli, kwakuhla u Tayi into esifuba sibanzi. Intonotibakudubulanitiyihla "Tayi." Bali nda ingongolotela. Mhlayafa imi Dushane ; wasele zinikela u Nxele wasiwa esiqitini ngabe Lungu. Kutiwa wafa elinga ukudada efuna ukubuyela ekaya, wadinwa pakati elwandle watshona.

WAYENGUBANINA UNXELE ?

Mnumzetu nditi ndakufika kwelibali ndikumbule ukuba kwakuko umbuzo wokuba wayengubanina u Nxele *2* into yas maninina! unina wayengubani *1* nantsi impendulo :—u Nxele yinto ka Gwala yase Macwereni. Umcwera ke ngoko. Unina yayingu Nolutshungu i Dladlakazi lakulo Mazamisa. Kwati ukucitakalakuka Gocini inkosi yama Dladla esona sizwe waqala ngaso ukucita u Tshaka seza nganeno lentokazi yaza kufika kwa Ndlambe. Ubelukazi, yashweshwa ngu Gwala into yase Macwereni, igama layo lingu Nolutshungu , yazake yazala u Nxele. Wayexela into emazenziwe nezizakubako u Nxele. Ubesiti mhla azakuteta kuyakusuka nopi, akuka biko ndoda inokusondela kuye ngobuninzi babantu abangabapulapuli kwaba Ntsundu. Nditsho ebeko u Mlanjeni no Nongqause, kodwa yena u Nxele ubepulwapulwa ngamakowabo, akakabiko ofanayo naye kuti bantsundu. Kunjalonje ebesqyikwa.

Abafazi bake owokuqala ibi ngu Notonto intokazikaCikolonoNobedu. Wayeko ngexesha lenkosi engu Ndlambe.

Bebesiti ukumbonga :—

> Li Qutu lika Tai elixmgxashe, Umhle ngondyulo, Oqweqweda pezulu,
> Umkonto, awungeni ;
> Unkonjane emnyama edlal'emafini,
> Usoziqiti, Njiba yase Macwereni Nankoke u Nxele.

Wafake u Nxele ebekwesisiqiti. Wayelindelwe ukuba abuye akazange ade alike. Yiyo lento kuko isiteto esiti: " Yo ! Kukuza kuka Nxele." Hai sibuye ukumka komhla. Sanelisiwe sesikubonileyo, sitemba nokuba somana ukuya kuwavelela lomadoda.

## Ityalike_Nezikolo.

*I WESILE.*

Kekwako umboloro ku Sifononondile ukuvalwa kwe Sikula Semini esipetwe ngu Miss Lettie C. Lwana ne Miss E. Mvinjelwa. Lite noko izulu libe lilibi bafinyelela kamnandi bona abantu, wafika no Mongameli, u Rev. S. Mvambo. Kwenziwe amalungiselelo okuba mazidityaniswe—i Qiba no Sifononondile, I Qiba lalipetwe yinto ka Tsoko, u Elijah yena. Ezizikolo ziqube kakuhie zozibini. Lomfana wase Qiba ngati uyakuba ne- ndawo etyekayo. Sifumene ukuba ngexesha ebekwesi sikolo Umkangeli ufike utnsebenzi uhamba, intsapo yandile, wati makwakiwe. Indonga ke zokwandiswa kwendlu sezigqityiwe. Sancoma, saziva sinyanzelekile ukuba siti kuwe nto ka Mvinjelwa—Pambili! Umsebenzi wonke owenziweyo ubemhle kunene, Sibukile kakulu ukukwazi kwamadoda alomzi ukwenza amalungiselelo ezizwe ezimenyiweyo, into esibonileyo nati ukuba nomfundisi wonwebe kwelo cala. Pambili mzi wakowetu, intle into eniye- nzileyo nge 15 ka December, 1897.

—o—

Ebhala nge Sinodi yase Mgwali uti umfundisi owayeko:—Ndifuna ukuzalisa indawo ezite zaposiseka nezilibalekileyo. Intlanganiso yabafundisi e Mgwali ka Ngubenchuka yavulwa nge 13 January, 1898 nge Culo le 149, emva koko kwafundwa Isibhalo kwatandaza o Revs. B. Mama no J. Mjila, kwapindwa kwavunywa iculo le 22, kwatandaza u Rev. W. Shaw Davis. Kugqitywe ekubeni u Rev. Paul Tuta aye e Mount Fletcher. Umhlali-Pambili, u Rev. P. Hargreaves ute nxa abuza umfana owaye samkelelwa ebufundisini, ukuba unamatyala na, impendulo ibe yeyokuba yi *£2,* wabhekisa kubazalwana abangabafundisi isiyalo sokuba balumkele bangenzi amatyala ezivenkileui angapezu kwemivuzo yabo. Saba luncedo kuti esisiyalo. Indawo yokuba kucelwe .£250 kwi Komfa yandululwa ngu Rev. W. Dikwayo. Mhla yapela intlanganiso nge 19 January, 1891, ngokuhlwa kwacelwa u Rev. Boyce Mama kwa Mrs. Tolibadi, apo kwakuhla- la u Rev. W. Sigenu, yabako yonke into etyiwayo —eyase mlungwini neyase ma Xhoseni. Yaba kukuhlwa okumnandi, nendlu intle. Uti omnye umntu wafika kwa Mr. J. Yenzela kuko ibhedi ezimbini zahlulwe ngezikuselo, apo kwakuhlala umfundisi ne Gosa lake, bepetwe kakuhie. Abasafuni makaya wambi sebeqele elikaya. Nanzo ke indawana ebezingangenanga epepenilendaba.

—o—

*I TSHETSHI.*

Abalandelayo ngabafundisi namagosa anyulelwe i Provincial Synod eyakuba se Kapa ngo October ozayo *Abafundisi* —1. Rev. Canon John Espin, M.A.; 2. Very Rev. John Garraway Holmes, Dean cf Grahamstown, M.A.; 3. Rev. Canon Robert John Mullins; 4. Rev. Augustus Theodore Wirgman, B.D., D.C.L.; 5. Rev. William Homan Turpin; 6. Rev. Canon Henry Reade Woodrooffe, M.A.; 7. Rey. William Owen Jenkins, M.A.; 8. Venerable Alexander Joseph Grant; 9. Rev. Bernard Edgar Holmes, M.A.—*Amagosa.* — 1. Arthur Douglass; 2. Herbert F. Blaine; 3. B. J. Guillenarde; 4. Herbert Travers Tamplin; 5. Ben Impey; 0. H. Dunsterville Blewitt; 7. Thomas W. Irvine; 8 Alan B, Gordon ; 9. J. W. A. Rose.


" Inkwenkwe yam yabuya esikolweni isandla sayo sisikiwe, sisopa kakubi, iqaqanjelwa kakulu," utsho u Mr. E. J. Schall ko Meyer Bros., ikomponi yama- yeza e St. Louis, Mo., " Ndalihlamba elonxeba ndaligalela ngoka Chamberlain Umdambisi Wentlungu. Wapila kwa- ngoku, akwasala nebala. Andazi yeza lifana nalo ukupilisa amanxeba, ukuruneka, ukudumba, ingqaqambo zamatambo." Litengiswa ngu R. Lumsden and Co., abatengisi bamayeza e Qonce.

Nantsi into Manenekazi!



IBLAUZI!

IBLAUZI

IBLAUZI!

ZIYALAHLWA nge 6d. inye.

Amaxabiso angapambili I/- ne 1/3 Inye

FOLOKOCO, u Pasiko,

Ningalibali kanjalo apo nombona kona, ngokwake SALUF, ezantsi kwe Tyalike yama Skotshi, E QONCE.

African and American Working Men's Union.

ISAZISO KUBA BAMBI ZAHLULO.

INTLANGANISO yaba bambi-zahlulo yesigingata sokupela somnyaka iyakuba se Bhayi (Port Elizabeth), kwindlu yo Manyano, Irvine Street, ngolwesi BINI, MARCH 29,1898, iyakuqala ngo 7*30 p.m.

Yenzolwa ukwamkela ingxelo ya Bapati, kwanohlobo ezimi ngalo imali nomsebenzi'; ukususela kumhla we 1 July ku 31 December, 1897.

Kwakuleyo ntlanganiso kuyakunyulwa abapati ababini ezikundleni ze Messrs. P. Y. RWEXU (umfi) no A. TUNYISWA; kwa nabahluzi ababini kwzii- kundla zo Messrs. PEZISA no SINA, Abashenxayo, banoku buya banyulwe kanjalo.

MOSES D. FOLEY, Trustee.

Port Elizabeth, February 28, 1898. [4243

The Singer Manufacturing Company.

EKUBENI imise i Arente e Qonce ngoku, inoku fumanisa nalupina uhlobo alufunayo umntu Iwe

SINGER SEWING MACHINE

Ngendlela kuqala yokuqeshisa kurolwa 10s. ngenyanga, ade umtengi aye kufikela kwixabiso layo. Amaxabiso e Mashini zezandla aqalela kwe £7 anyuse, kwapulwa 10 per cent, xa imali irolwa kwaoko ; oko kukuti 2s. epontini.

O Mashini bayamelwa ixesha elitile ekuyakuti ukuba wonakele ngapambi kwalo alungiswe ze. Ne Arente zinoku bafundisa abatengi indlela yokusebenzisa i SINGER SEWING MACHINE. Zonke incwadi ezibuza ngazo ne odolo kwabazifunayo zobhekiswa ku

*M. ARTZ, Queen Street, King Wm's. Town.*

GIBBERD & BRYANT

Ngaye wonke u FEBRUARY.

Ifandesi Lempahla yase Hlotyeni

*Ngamanani Atotyiweyo.*

Izihiangu Ezitshipu!

Iprinti_Ezitshipu!

Isisulu Kuwo onke Amasebe

GIBBERD & BRYANT,

ISAZISO ESIBUKALI!

ABA Guquli be Zibhalo Ezingcwele bazisa wonke umzi ofunda i Bhayibhile yesi Xhosa ukuba ngoku bapete i Testamente Entsha, nayo ke sebeza kuyigqiba.

Ngoku bayaqokela ukucela bonke abafundi be Bhayibhile yesi Xhosa amazwi abangakolwayo kwa namazwi abati ngekufakwa wona endaweni yalawo bawakalazelayo.

Aba Guquli bozikangela indawo ezinjalo baziqwalasele. Umzi one- ndawo ozikalazelayo mawuzitumele ku Rev. Dr. Kropf, Stutterheim; mhlaumbi bangazibhekisa ezondawo kwamanye amalungu anje ngo:— Rev. Canon Woodrooffe, Grahamstown ; Rev. Dr. Soga, Miller, P.O. Umtentu; Rev. E. Makiwane, Mac- farlan, Alice; Rev. W. B. Rubusana, East London ; Mr. J. Tengo-Jabavu, King Williamstown.

ISAZISO.

XA ndibulela abaxasi bam ngokundivelela kwabo kwixesha elidlulayo, ndinovuyo olukulu ukubazisa ukuti— ngoku ndenze amalungiselelo okukwelisa enqanaweni

UBOYA NE ZIKUMBA

—ZAM—

ZIYE PESHEYA, ndize ke ngoku ndibe nokuzi tengisa ngawona maxabiso apezulu, ndaye ndiqinisekile ukuba baya kwaneliswa.

Ungake ucinge ukutengisa pambi kokuba uye kwa C. E. NIXONi

Endaweni yoboya nezikimba ndizelwa YINTO ENINZI YENGUBO, Impahla zamankazana, nezihlangu zonke, ngamaxabiso apantsi. Qondisisani apo akona

C. E. NIXON,

Otate Indawo ka J, Newing,

Cambridge Road and Ayliff Street

E QONCE.

C. A. Jay & Co.

BASE QONCE.

BAFIKELWA ngeveki zonke zinqanawa eziza nempahla zentsimbi.

Izinto zokusebenza, zentlobo zo- nke, zawo onke amashishini Izitya—Ezegilasi, Ilampu, Iparafini, Amagaba, Imihlakulo, yentlobo zonke, Amazembe Ibedsteads, njalo-njalo,

*YIZANI KUZIBONELA.*

*W. J.* STEWART.

(Ogatna limbi lingu SITULO),
UNGU MGCINI-NCWADI, UMLUNGISELELI
WENGXELO ZE MALI, UMHLANGANISI
WAMATYALA, KWANOBU ARENTE.
Umbhali we Kaffrarian Building Society
Downing Street, King Wm's Town,
P.O- Box 117

YIYANI KWA

G. MUNZEL

Cambridge Road, e Qonce,

NITENGE

Ikofu, Swekile,Izibane, Cuba Ihopu ne Jinji Biya, Izonka ne Ziqamo.

Ufudukele ngakwa W. BEHR & CO.

UKUBA UNGA

'IKLOKO' YAKO ne 'WOTSHI' YAKO

*ZINGAHLANJ WA !*

—YIYA KU—

GILBERT FOX & SON

CAMBRIDGE ROAD, EQONCE.

Uzenza ngokutshipu, kunjalo nje zifungelwe.

GILBERT FOX & SON.

(Upawu Lwempungutye Elumkileyo),

CATHCHRT ROAD, QUEEN'S TOWN.

SINIKA amaxabiso apezulu ase Marikeni nge Mveliso zama fama, ezinje nge Habile, Ingqolowa, Umbona, Amazimba, Irasi, Itapile, njalo njalo. Sisoloko sine ntlobo ze Mbewu ye Habile, Imbewu ye Ngqolowa, Imbewu Yombona, Imbewu Yetapile; kwane Ere, Amakuba, Namagaba, njalo njalo, kwa

GILBERT FOX & SON,

*Cathcart Road, Queen's Town,*
NASE QONCE, NASE MONTI

